



Izizathu ezingunobangela wokuba
zibhitye izilwanyana ebusika kwaye zityebe ehlotyeni.
(Reasons why animals lose weight in Winter and gain it again in Summer)

NWGA Production Advisor, Asandile Rasmeni (Region 25)

078 788 0798/ email: rasandile@yahoo.com

Ehlotyeni:

Zimbini izizathu ezibangela ukuba zityebe izilwanyana ehlobo.

Esokuqala: ingca inamanzi ngaphakathi kuyo ngexesha lasehlotyeni, kungoko ibaluhlaza ngombala. Izilwanyana zifumana la manzi asengceni ngethuba zisitya ze kungabikho sidingo sokuba zihambe imigama emide ukuze zifumane amanzi. Oku kuthetha ukuba izilwanyana zichitha ixesha elininzi zisitya edlelweni kunokuba zikhangela amanzi. Oku kukwathetha ukuba izisu zazo ziyagcwala ntsuku zonke zisidla edlelweni.

Esesibini: amanzi afumaneka ngaphakathi engceni anezakhamzimba ezifunxwe emhlabeni ezikwisimo esinyibilikisiweyo. Esona sakhamzimba esibalulekileyo esinceda ukutyebisa isilwanyana yi-protein. Ingca ine-protein eyaneleyo ehlotyeni ukuba isilwanyana sifezekise iimfuno zaso zokwandisa isisindo esaneleyo imihla ngemihla. Isilwanyana sizifumana engceni ezi zakhamzimba zikwimeko enyibilikisiweyo, oku kwenza ukuba kubelula kwisilwana ukuzicola ezi zakhamzimba. **“Khumbula, umzimba wesilwanyana uzondla ngezakhamzimba ezisuka kumetyiso eziwutyileyo. Ezizakhamzimba kumele zibe kwisimo esinyibilikisiweyo”.**

I-protein efumaneka engceni ikwisimo esinyibilikisiweyo ngexesha lasehlotyeni kwaye ibizwa ngokuba yi- protein ezihambelayo (**bypass protein**). Oluhlobo lwe-protein luzigqitha zonke izigaba zesisu lingqale ngqo kumathumbu amancinane nalapho kufunxwa khona izakhamzimba ezikwisimo esinyibilikisiweyo. Ngoko isilwanyana sifumana izakhamzimba ezikwisimo esinyibilikisiweyo ngexesha lasehlotyeni. Oku kwenza kube lula emzimbeni wesilwanyana ukufunxa ezizakhamzimba.

Ebusika:

Isilwanyana sizifumana manqaphanqapha izakhamzimba ezikwisimo esinyibilikisiweyo ezivela engceni, amaxesha amanzi asizifumani kwa ntlobo. Ngokukodwa i-protein, ingca ayinayo i-protein ezihambelayo (**bypass protein**) ngexesha lasebusika. Isisu sesilwanyana kufuneka sihambe izigaba eziliqela ukuze sikwazi ukufumana i-protein ekumetyiso owomileyo wengca yasebusika. Ukuze sikwazi ukufumana i-protein isilwanyana sakho ngexesha lasebusika ze sityebe, umfama umele kukwenza oku kulandelayo:

Okukuqala: umfama kumele axhase ngezondlo ezityetyisiweyo nge-protein noxa zinexabiso eliphezulu nje.

Okwesibini: umfama makaziphe i-urea izilwanyana zakhe. “Khumbula i-urea inganobungozi xa ingetyiswanga”. Ngokupha izilwanyana zakho i-**UREA** wondla iingogwana ezilungileyo ezikupenisi wesilwanyana ukuze zande ngenani. Kufuneka umfama aqiniseke ukuba kukho ingca eyomileyo (inkatshu-nkatshu) eyaneleyo kwisilwanyana ukuze sibe nento yokutya ngelixesha. Iingogwana zona zizakuncedisa ngokutya inkatshu-nkatshu (ingca eyomileyo) ekupenisi wesilwanyana sakho ze zife emva kweeyure ezimbalwa zibe kwisimo sesakhamzimba esiyi-protein. Khumbula xa unika isilwanyana sakho i-urea kefuneka ube nengca eyomileyo eyaneleyo.

Qinisekisa ukuba kukho amanzi awaneleyo ukuze zisele rhoqo izilwanyana zakho ngexesha oxhasa ngalo nge-urea.



The National Woolgrowers' Association of SA (NWGA) offers a production advisory service to all wool producers on contract with Cape Wools SA (CWSA), funded by the Wool Trust.